**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

**IMIYALELO:**


- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Khetha isihloko sibe sinye kwicandelo ngalinye.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye.
- Nombola imibuzo yakho, umz. A 1.3; 2.1 njalo-njalo.
- Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.
- Hlela yaye ubhale ngokucocekileyo.

## ICANDELO A

Kweli candelo bhala isincoko sibe SINYE ngamagama angama – 250 – 300. Isincoko sakho sinike isihloko.

### UMBUZO 1

1.1 Ubumthanda kodwa akusayi kuphinde umbone. Ukufa kwakhe kothusa umzi. Khawuchaze lo mntu ukuba ungubani na, yintoni ubuyithanda ngaye?



1.2 Ungumntu othanda umculo. Yitsho uhlobo lomculo owuthandayo wuchaze utsho nemvakalelo yakho ngawo.

1.3 Khawubuyele umva ngeengcinga ukhumbule apho uvela khona. Ingaba inkululeko yoMzantsi Afrika ilulutho na, inegalelo enalo kwintlalontle yoluntu? Beka iimbono zakho ngosiba lwakho.



1.4 Kwakumnandi ngalo mpela-veki kutshata umafungwashe kaKheswa. Khawusibalisele.



1.5 Iimbono zabantu nezikarhulumente ziyabetha-bethana ngomba wokunikezelwa kwamachiza (amayeza) okulwa ugawulayo. Uthini wena? Yiza nezimvo zakho ngalo mcimbi.


**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**


## ICANDELO B

Kweli candelo uphendula umbuzo ube MNYE. Bhala ngesihloko osikhethileyo ngamagama ali – 120 – 150.

### UMBUZO 2

2.1 Ngeeholide zeKrisimesi ubundwendwele eBhayi alambathwa lambathwa ngabalaziyo. Uye wonwaba. Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngohambo lwakho, umxelele nokuba ngani ucinga ukuba le ndawo yindawo entle yokuchitha iiholide.





2.2 Ububukele umlo phakathi kwamapolisa nezikrelemnqa eziqhekeza imizi yabantu zibe neemoto. Bhala inqaku leendaba oza kulithumela kwiphephandaba i'Star.'

2.3 Bhala isincomo-sigxeko somzi wokutyela. Landela imo yokubhalwa kwesincomo-sigxeko ungalibali izinto ezingundoqo (ezibalulekileyo) eziyakwenza ukuba siwuthande okanye wonyeliseke lo mzi.

**AMANQAKU ECANDELO B: [20]**


## ICANDELO C

Kweli candelo uphendula umbuzo ube MNYE. Bhala ngamagama ali – 120 – 150.

### UMBUZO 3

3.1 Iincwadi zenu azikorekishwa ziititshala ezithile, ziza mhla zithanda emagumbini okufundela. Zininzi izinto ezenzekayo kwesi sikolo ezinganonelisiyo ningabafundi. Thumela imemorandam kwinqununu yesikolo uyixelele ukuba kwanele ngoku njengoko ikamva lenu lichaphazeleka.

3.2 Kuthe kwasweleka umhlobo wakho osenyongweni kwingozi yemoto. Ucelwe ukuba ubhale ngobomi bakhe esaphila. Bhala sive.




3.3 Intlanganiso ibishushu phakathi kwabazali nabezeSebe lezeMfundo. Abantwana abafumani zithuba zokufunda ezikolweni kuthiwa zigcwele. Bhala imizuzu yale ntlanganiso.

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

ISIPHELO